**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   - ICANDELO A: Imizuzu engama-80
   - ICANDELO B: Imizuzu engama-40
   - ICANDELO C: Imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Ndafunda okuninzi kolo hambo **[50]**

1.2 Endikuthandayo ngendawo endihlala kuyo **[50]**

1.3 Xa wonke umntu omtsha eMzantsi Afrika enokusebenza ... **[50]**

1.4 Iilayibhrari ziseluncedo kule mihla **[50]**

1.5 Ukutya esikutyayo kukwayingozi ezimpilweni zethu **[50]**

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.6 OKANYE 1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

**QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.6



[Uthatyathwe ku: www.suryaa.com] **[50]**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umama okanye utata wakho ileta ucele imvume yokuthatha ikhefu lonyaka *(Gap year)* kwizifundo zakho uxele nezizathu zoko. **[30]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kumanejala wevenkile obuthenge kuyo iselula fowuni ukhalazele ukungancedwa ngokufanelekileyo xa ubuyizisile inengxaki. **[30]**

2.3 **INGXELO ENGEKHO SESIKWENI**

Bhala ingxelo oza kuyenza kwintlanganiso yabafundi ngephulo (ikhampeyini) elilwela ukuhlonitshwa kweenkolo ezahlukileyo kwizikolo zengingqi yakho. **[30]**

2.4 **UDLIWANONDLEBE**

Bhala udliwanondlebe oza kuluqhuba nomfundi osanda konyulwa njengekhapteni yeqela lomdlalo webhola, malunga notshintsho aza kulwenza kwiqelo elo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **IKHADI LESIMEMO**

Bhala ikhadi lesimemo umeme iqela elaziwayo lomdaniso we-*hip hop* lizokonwabisa abantu kumbhiyozo wosuku lwe-16 Disemba 2022, eniza kubanawo nilulutsha lwengingqi yakho. **[20]**

3.2 **UNGENISO KWIDAYARI**

Bhala ungeniso kwidayari lweentsuku ezintlanu malunga nekhempu yokuqeqeshwa kweenkokeli *(Leadership Camp)* okuyo, uchaze okufundileyo ngezo ntsuku. **[20]**

3.3 **IMIYALELO**

Kwikhaya lakho nifumene ibhili ebonisa ityala elikhulu lamanzi. Bhala imiyalelo oza kuyinika usapho lwakho malunga neendlela zokonga amanzi. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**